## SINGOBANI

SiliSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo. Umsebenzi wethu kukukhuthaza umsebenzi ogqwesileyo nokubandakanyeka koluntu kwezemidlalo nakwezenkcubeko, ngokusebenzisana nabanye ngendlela enobuchule. Sidala iimeko zokufikeleleka nokuthatha inxaxheba kwesininzi, ukufunyanwa kwetalente nokuphuhliswa kwezakhono.

## NGUBANI OWANGAMELEYO

UMphathiswa nguGqirha Ivan Meyer. Uchongwe ngokwemeko yezopolitiko kwaye Unoxanduva lokulawula imisebenzi yeSebe ngokuhambelana nemigaqo-nkqubo yeSebe yesizwe neyephondo.

INtloko yeSebe nguMnu. Brent Walters. Usebenzela uluntu, uqeshelwe ukuqinisekisa ukuba iSebe liphumeza imigaqo-nkqubo nemiyalelo yoMphathiswa neyeSebe ngokufanelekileyo nangempumelelo.

## EYONA NJONGO YETHU EPHAMBILI

Isebe linoxanduva lokwenza ukuba iNtshona Koloni iyabandakanyeka kwezentlalo ngokuba yinxalenye yezemidlalo, yezobugcisa nezenkcubeko.

## SENZA NTONI

Ezona nkonzo zethu ziphambili esikunika zona njengomnye wabasebenzisa iinkonzo zethu zichazwe apha ngezantsi.

**IiNkonzo zobuGcisa neNkcubeko** ukujongana nophuhliso, nokulondolozwa kunye nokukhuthazwa kobugcisa nenkcubeko:

- Ukuxhasa ngemali imibutho yezobugcisa nenkcubeko;
- Ukuxhotyiswa koluntu nokuqeqeshwa kwabo bakulawulo lwezobugcisa neengcali zezobugcisa;
- Intsebenziswano/ukuzibandakanya nemibutho yobugcisa nenkcubeko, oomasipala namaziko ezemfundo;
- Ukuxhasa imisitho yobugcisa nenkcubeko (umzekelo Amaqonga okubonakalisa ubugcisa neminyhadala);
- Ukunika inkxaso ngezolawulo kwiKomishini
- yeNkcubeko eNtshona Koloni.

**IiNkonzo zeeLwimi** ukukhuthaza ukuba kuthethwe iilwimi ezininzi eNtshona Koloni njengenxalenye yokwenza ukuba abantu bazingce kwaye baqondane; nokuphuhlisa iilwimi ebezifudula zihlelelekile ezifana nesiXhosa nesiNama ngokwenza oku:

- Ukunikezela ngeenkonzo zokuhlela iilwimi kumasebe orhulumente wephondo;
- Ukunikezela ngeenkonzo zoguqulelo kumasebe orhulumente wephondo;
- Ukunikezela ngeenkonzo zotoliko kumasebe orhulumente wephondo;
- Ukukhuthazwa koMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni
- Ukunika inkxaso kulawulo lweKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni;
- Ukunika inkxaso kulawulo lweKomiti isiNama noLwimi lokuThetha ngeZandla.

**IiMyuziyam, iLifa leMveli neeNkonzo neyothiyo ngokutsha nolungelelwaniso lwamagama eendawo** ukukhuthaza nokulondoloza ilifa lemveli yeNtshona Koloni ngeemyuziyam, ilifa lemveli neenkonzo zamagama zothiyo ngokutsha nolungelelwaniso lwamagama eendawo ngokwenza oku:

- Ukunika inkxaso kwiimyuziyam ezifumana uncedo kwiphondo;
- Iinkqubo zokuFikelela eluntwini;
- Ukwenziwa kweMigaqo-nkqubo;
- Uphando nokuphuhliswa kwemiboniso;
- Ukwenziwa kophando ngemeko nemvelaphi yamagama eendawo;
- Ukuveliswa kweenkqubo ezifundisayo ezikolweni;
- Ukuthatha inkxaxheba kwimisitho encedisa ekwenzi isizwe esinesidima, umz. uSuku lweNkululeko;
- Ukunika inkxaso kulawulo lweLifa leMveli yaseNtshona Koloni.

**IiNkonzo zamaThala eeNcwadi** ukukhuthazwa kweenkonzo zamathala eencwadi nawokunikezela ngeenkcukacha ngokwenza oku:

- Ukubonelelwa kwezixhobo ezintsha zamathala eencwadi kumathala eencwadi;
- Ukukhuthazwa kweeprojekthi, umz amaPhulo okufundisa ukufunda nokubhala;
- Iinkqubo zokuqeqeshwa kwabasebenzi bamathala eencwadi
- Ukunika iinkcukacha nezibonelelo ezisisiseko zobugcisa kwezolwazi nezonxibelelwano kumathala eencwadi;
- Ukwazi ukusebenzisa i-intanethi kwabo basebenzisa amathala eencwadi;
- Ukwandisa ukufikelela kumathala eencwadi ngenkqubo yee-Wheelie Wagons(amathala eencwadi ajikelezayo);
- Ukunika inkxaso-mali kumathala eencwadi kamasipala.

**IiNkonzo zokuLondolozwa kweeNkcukacha ezibalulekileyo** ukubonelela ngeenkonzo zolawulo lweenkcukacha ezibalulekileyo namaxwebhu kwaneengxelo ezigciniweyo ngokwenza oku:


- Ngokugcinwa nokulondolozwa kwamaxwebhu embali
- Ukuphumeza iinkqubo zokwazisa uluntu ngezinto nangokwemiboniso;
- NgokweNkqubo yokugqithisela iMbali ngomlomo
- Ukuthatha inxaxheba kwimisitho yesizwe, umz. iVeki yokuLondolozwa kweeNkcukacha ezibalulekileyo zeSizwe;
- Ukulawulwa kwamaxwebhu eenkcukacha ezibalulekileyo;
- Ukulawulwa kwamagumbi okufundela ngeenjongo zokwenza uphando.

**Uphuhliso lwezeMidlalo** ukuvula amathuba okufikelela kwezemidlalo kwizikolo zonke kunye nabafundi nokunikezela ngeenkqubo zophuhliso lwezemidlalo nolonwabo:

- Ukusekwa kwemibutho ejongene nezolonwabo;
- Ukwenza amaziko olonwabo e-MOD (Ukuthatha inxaxheba kwesininzi, ukudala amathuba nokufikelela ezintweni kunye noPhuhliso nokuKhula) ukuba asebenze;
- Ukuchongwa kwetalente kwezemidlalo;
- Ukulungeselelwa kweenkampu zokudlala kwizinga eliphezulu;
- Ukuqhutywa kwamaZiko ezeMidlalo i-MOD;
- Ukulungiselela itumente yezemidlalo nokhuphiswano neminyhadala;
- Ukuphuhliswa kwezakhono zemidlalo;
- Ukuseka amaziko e-SHARP (Sport Higher Performance and Advancement through Recreation Programmes);
- Ukuxhasa i-Western Cape Sport School.

**Ukukhuthazwa kwezeMidlalo** ukukhuthaza amathuba kwezemidlalo ngokuthi kubonelelwe ngamaziko aluncedo, ngeenkqubo neenkonzo ezikwiindawo ezifikelelekayo nafikelelekayo ngokwemali:

- Ukubonelela ngenkxaso-mali kwiintlangano zezemidlalo kwiphondo nakwimimandla;
- Uqeqesho kulawulo lwezemidlalo;
- Uqeqesho lwamagosa ezobugcisa;
- Imisebenzi yoPhuhliso kwezeMidlalo;
- Ukwakhiwa nokuphuculwa kwamaziko ezemidlalo;
- Iinkqubo zeMidlalo zokuDlala kwizinga eliphezulu
- Ukuqhuba imisitho yemidlalo yabakhubazekileyo namabhinqa namantombazana kwezemidlalo;
- Ukuxhasa inguqu kwezemidlalo;
- Ukulungiselela imisitho emikhulu yezemidlalo;
- Ukulungiselela iimbasa zemidlalo.




# ISEBE LETHU NABASEBENZI BALO


## (i) Abasebenzi

Siqeshe abasebenzi abangama-604 abakwiindawo ngeendawo kwiNtshona Koloni iphela.


### Abasebenzi ngokobuhlanga




### Abasebenzi ngokwesini




### Abasebenzi abakhubazekileyo




## (ii) IiLwimi ezithethwayo

IsiNgesi, isiBhulu nesiXhosa zizo iilwimi ezintathu ezisemthethweni zalapha eNtshona Koloni. Uninzi lwabasebenzi luyakwazi ukuthetha ubuncinane iilwimi ezimbini kwiilwimi ezintathu ezisemthethweni.

## (iii) Amaziko anikezela ngeenkonzo

| I-Ofisi | Idilesi yesitalato | Umnxeba | Ifeksi |
|---|---|---|---|
| I-Ofisi eNkulu | ISakhiwo iProtea Assurance, eGreenmarket Square, eKapa | 021 483 9503 | 021 483 9504 |
| Iziko leeNkonzo zeNkcubeko e-Oudtshoorn | Seppie Greef Building, 2nd Floor Voortrekker Road, Oudtshoorn | 044 279 1766 | 044 279 1766 |
| I-Ofisi yezeMidlalo eDe Jager | Voortrekker Road, Oudtshoorn | 044 272 6165 | 044 272 5975 |
| IiNkonzo zeNkcubeko eVredendal | 31, Matzikamma Street , Vredendal | 027 213 3018 | 027 217 3019 |
| I-Ofisi yezeMidlalo eBoland | 11 Van Der Lingen Street, Paarl | 021 872 1337 | 021 872 1387 |
| Ii-Ofisi zezeMidlalo kwisiThili esikuMbindi weKapa | Kwi-Ofisi eseHartleyvale Office, kwikona yeLiesbeeck Parkway nase Station Road, e-Observatory | 021 447 5582 | 021 447 5589 |
| IiNkonzo zeThala leeNcwadi | Kwikona yeHospital neChiappini Streets, eGreen Point | 021 483 2272 | 021 419 7541 |
| IiNkonzo zokuLondolozwa nokuGcinwa kweeNkcukacha eziBalulekileyo | 72 Roeland Street, eKapa | 021 483 0400 | 021 483 0444 |
| Iimyuziyam zePhondo | IBartolomeu Diaz Museum, eMossel Bay Bartolomeu Diaz Museum, Mossel Bay | 044 691 1067 | 044 691 1015 |
| | ICape Medical Museum, eGreen Point | 021 418 5663 | 086 535 6931 |
| | Imyuziyam yaseGeorge Museum, eGeorge | 044 873 5343 | |
| | Imyuziyam yaseWorcester, eWorcester | 023 342 2225 | 023 347 4134 |
| | IMission Church Museum, eBeaufort West | 023 415- 2308 | 023415 2545 |

# UHLAHLO LWABIWO-MALI LWETHU

| Ukucazululwa kohlalo lwabiwo-mali | |
|---|---|
| Ukuhlawulwa kwabasebenzi | R126,056 million |
| Iinkqubo | R122,052 million |
| Indleko zokwenza umsebenzi | R104,372 million |
| Iyonke | R352,480 million |
| Ukucazululwa kohlalo lwabiwo-mali ngokwenkqubo nganye (ngaphandle kwembuyekezo) | |
| Inkqubo | Uhlahlo lwabiwo-mali |
| 1. Ulawulo | R10,643 million |
| 2. Imicimbi | R32,310 million |
| 3. IiNkonzo zamaThala eencwadi noLondolozo lweeNkcukacha ezibalulekleyo | R119,219 million |
| 4. EzeMidlalo noLonwabo | R64,252 million |
| Zizonke | R226,424 million |

# SENZE NJANI NGO-2011/2012

| Iinkonzo | Iinjongo eziphunyeziweyo |
|---|---|
| IINKONZO ZOBUGCISA NENKCUBEKO | • Zi-5 iiforam zenkcubeko kwisithili ezifumene inkxaso<br>• Ingama-65 imibutho efumene inkxaso-mali<br>• Ingama-40 imisitho yobugcisa nenkcubeko eye yaququzelelwa<br>• Li-102 lamagcisa eliqeqeshiweyo<br>• Ngama-95 labalawuli benkcubeko abaqeqeshiweyo<br>• Ngabantu abangama-32 146 abazimase imiboniso eyenzelwe uluntu |
| IINKONZO ZEELWIMI | • Ngama-638 amaxwebhu aguqulelweyo<br>• Zili-12 iinkonzo zotoliko ezenziweyo<br>• Ngama-24 abantu abaxhotyiselwe ukuba baguqulele izinto kolunye ulwimi<br>• Zi-2 iiprojekthi zokukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi ziye zaphunyezwa<br>• Zi-2 iiprojekthi ezijolise ekujonganeni nokungalingani ngokolwimi okubangelwa lixesha langaphambili eziphunyeziweyo<br>• Zi-2 iiprojekthi zokuphuhlisa iilwimi ezazifudula zihlelelekile kunye noLwimi lwaseMzantsi Afrika lokuThetha ngezandla zaphunyezwa |
| IINKONZO ZEEMYUZIYAM | • Ngama-368 332 abantu abaye batyelela iimyuziyam<br>• Zi-4 iinkqubo eziya eluntuwini eziphunyeziweyo<br>• Zili-19 iimyuziyam ezincediswa liphondo ezifumene inkxaso<br>• Zi-4 iimyuziyam ezifumene inkxaso<br>• Ngama-741 abafundi abathathe kwiinkqubo zokufikelela ezikolweni<br>• Zi-4 iinkqubo ezifundisayo eziye zaphuhliswa |
| IINKOZO ZELIFA LEMVELI NEYOTHIYO NGOKUTSHA NOLUNGELELWANISO LWAMAGAMA EENDAWO | • Zi-4 iindawo zelifa lemveli ezixhasiweyo<br>• Angama-405 amagama eengingqi aye aphononongwa<br>• Zi-6 iziphathamandla zendawo eziye zaxhotyiswa ngezakhono zokukwazi ukumelana nokutshintshwa kwamagama endawo nokuwagunyazisa |
| IINKONZO ZAMATHALA EENCWADI | • Zili-15 iiprojekthi ziye zabanjwa<br>• Bangama-373 abasebenzi bamathala oluntu abafumene uqeqesho<br>• Angama-72 amathala eencwadi amatsha aqhagamshelwe kwinkqubo yekhomyutha yethala leencwadi nolawulo lweenkcukacha<br>• Zingama-222 461 izixhobo zethala leencwadi ezilungiselwe ukusetyenziswa<br>• Zingama-4 995 izixhobo zethala leencwadi ezifakwe eluhlwini<br>• Angama-343 amaziko ethala leencwadi afumene inkxaso kwiphondo jikelele |
| IINKONZO ZOKULONDOLOZWA WEENKCUKACHA | • Ingama-34 imibutho karhulumente iye yahlolwa<br>• Bali-165 abalawuli beerekhodi bafumene uqeqesho |

| Iinkonzo | Iinjongo eziphunyeziweyo |
|---|---|
| IINKONZO ZOKULONDOLOZWA WEENKCUKACHA | • Zili-10 iiprojekthi zokwazisa nezokukhuthaza ziphunyeziweyo<br>• Ngama-48 309 abaphandi abaye bakhangela kuwo<br>• Zingama-304.41 yeemitha zobude bezixhobo zolondolozo lweenkcukacha ezilungiselelweyo |
| UKUQUQUZELELWA KWEZEMIDLALO | • Zili-111 iintlangano zephondo zemidlalo ezifumene inkxaso<br>• Ma-2 amaziko ezemidlalo aye aphuculwa<br>• Zingama-58 iimbaleki ezifumene inkxaso ngokweenkqubo zokudlala kwizinga eliphezulu<br>• Ali-126 amavolontiya angabalawuli bezemidlalo afumene uqeqesho<br>• Mi-5 imisitho yemidlalo yabakhubazekileyo efumene inkxaso<br>• Mi-6 imisitho yezemidlalo yamabhinqa namantombazana efumene inkxaso<br>• Ingama-30 imisitho yezemidlalo emikhulu eye yabanjwa<br>• Mi-6 imibutho yolonwabo eye yamiselwa yaze yafumana inkxaso<br>• Ngama-12 848 abantu abaye bathatha inxaxheba kwimisitho yemidlalo yolonwabo kunye neenkqubo<br>• Ingama-49 imisitho yemidlalo eyonwabisayo eye yabanjwa |
| UPHUHLISO LWEZEMIDLALO | • Ili-14 imibutho enemidlalo yasesikoloweni edlala kwiligi yezikolo ezidlala kunye kwisithili ngasinye<br>• Zisi-8 izithili ezenza iminyhadala yezemidlalo yemveli<br>• Zi-5 iikliniki zokuqeqesha abaqeqeshi eziye zabanjwa<br>• Mi-6 imisitho yokunikezelwa kweembasa eye yabanjwa<br>• Ali-176 amaziko e-MOD aye asetyenziswa |

# AMANYATHELO OKUPHUCULWA KWENDLELA YOKUNIKEZELWA KWEENKONZO

Kuchongwe iinkonzo ezimbini emaziphuculwe kwisiCwangciso sokuPhuculwa kwiNdlela yokuNikezelwa kweeNkonzo: IiNkonzo zeeLwimi neeNkonzo zokuLondolozwa kweeNkcukacha eziBalulekileyo. Eli nyathelo ligxininise ekuphuculeni umgangatho weenkonzo onxulumene nokufikelela kwimithetho-siseko yeBatho Pele, inkcukacha nokulungisa.

# EZINYE IZALATHISI

Jonga iNgxelo yoNyaka yeSebe leMicimbi yeNkcukacha neMidlalo ka-2011/12 ngeenkcukacha ezithe vetshe ngezinto eziphunyezwe liSebe.



